# Waba Nesibindi Sokwenza Okufanelekileyo

**Imiyalelo:** Funda ezi vesi zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho uze uvakalelwe ngendlela abavakalelwa ngayo.
**Abalinganiswa abaphambili:** UBharuki, uYeremiya neenkosana zakwaYuda
**Ushwankathelo:** UBharuki ubhala amazwi kaYeremiya aze awafundele iinkosana zakwaYuda ngokuvakalayo.

## 1 HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA UYEREMIYA 36:4-32.

Njengoko unombono woku ukufundayo, chaza indlela elalibonakala ngayo ‘igumbi lokutyela ezazihleli kulo iinkosana.’

______________________________

______________________________

Ucinga ukuba uBharuki wavakalelwa njani njengoko wayefundela iinkosana amazwi kaYeremiya?

______________________________

______________________________

Ucinga ukuba iinkosana zathetha noBharuki ngelizwi elinjani kuvesi 16-19?

______________________________

______________________________

## 2 PHANDA.

Ucinga ukuba kwakunzima kangakanani kuBharuki ukubhala amazwi kaYeremiya ‘asemqulwini wencwadi’—awawabhala izihlandlo ezibini? (Icebiso: *Phinda ufunde uYeremiya 36:4, 32*.)

______________________________

______________________________

Kwakutheni ukuze uBharuki athandabuze ukubhala isiprofeto sikaYeremiya aze asifunde ngokuvakalayo? (Funda uYeremiya 26:8.)

______________________________

______________________________

Kwakutheni ukuze uYeremiya afune ukuba uBharuki afunde isiprofeto ngokuvakalayo, nangona kwakusele kuyiminyaka uYeremiya eprofeta ebantwini? (Icebiso: *Phinda ufunde uYeremiya 36:7.*)

______________________________

______________________________


www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

## 3 ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO

Bhala izinto ozifundileyo . . .

Ngesizathu sokuba kufuneke abakhonzi bakaThixo babe nesibindi.

______________________________________________

______________________________________________

Ngendlela uYehova uThixo abavuza ngayo abo banesibindi sokwenza okulungileyo.

______________________________________________

______________________________________________

## 4 KHAWUZIBUZE:

Kufuneka ndibe nesibindi sokwenza okulungileyo xa kutheni?

______________________________________________

______________________________________________

Xa ndineentloni okanye ndisoyika, ndimele ndenze ntoni ukuze ndibe nesibindi? (Funda abaseFilipi 4:6, 7.)

______________________________________________

______________________________________________

Kule ngxelo sisiphi esona sifundo sibalulekileyo kum, yaye kutheni?


______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

**Icebiso:** Yenza le ngxelo ibe ngathi ifundwa ezindabeni. Yichaze uze ube ngathi udlan' iindlebe naba bantu kuthethwa ngabo kunye nabo babukeleyo.



Khuphela uze uprinte le PDF kwi-www.jw.org/xh



www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania